

Mirror Study Bhayibhile

I-Mirror 'Study' Bhayibhile yinguqulelo evakaliswe nethatyathwe kumbhalo wokuqala. Lo gama kulandelwe ngocoselelo intsingiselo ethe ngqo kuqobo lwesibhalo, izivakalisi zakhiwe ngendlela apha yokuba ububanzi bentsingiselo buqhubeke nokugxininiswa ngalo ubhalo olwandisiweyo. Ubhalo olushicilelwe ngokukekeleyo lubandakanyiwe ukuchuba kunye nokucacisa. Olu lufundo oluvakaliswe ngandlela yimbi futhi yalutoliko

olulula endaweni yenguqulelo ethe ngqo. Iinkalo zonke zengcombolo yegama ngalinye lesiGrike zifundiwe ngeyona nkathalo. Oko kwenzelwe ukukhawulelana kunye nokungqiyama nomxholo onguwona wesahluko sonke ebubanzini bencwadi iyonke- Ingalityalwanga inyaniso yokuba uYesu ukoko iziBhalo zingako konke, kwaye kwangaxesha-nye uluntu nalo lukoko uYesu angako konke. Ukunceda umfundi esifundweni sakhe, ndayamanise kwaye ndangqamanisa igama lesiGrike (ndithabathela esiNgesini) nelo lesiXhosa. Olo bhalo wolibona kumagqabantshintshi abhalwe ngokukekeleyo. Le nto yenzelwe ukuba kubekho uqhathaniso oluthe ngqo lwamagama kwezi lwimi zimbini.

Mandulo ndaguqulela iincwadi zikaPawulosi ekuthiwa ukubizwa kwazo, yiRuach Translation, kodwa ke azizange zipapashwe. Ngonyaka wa-2007 ndaqalisa ngayo le-Nguqulelo iMirror. Lona ngumsebenzi oqhubekekayo kwaye ekugqibeleni uyakubandakanya zonke iincwadi zeTestamente Entsha kunye nengxenye yeencwadi zeTestamente e-Ndala. Ezigqityiweyo iincwadi ukuza kuthi ga ngoku (2019 eyoMqungu) zezi: Ivangeli ngokubhalwa nguYohane; AmaRoma; AbaseKorinte bokuqala; AbaseKorinte besibini; AmaGalati; AbaseEfese; AbaseFiliphi; AbaseKolose; AbaseTesalonika bokuqala; uTimoti wesibini; uTito; AmaHebhere; James; uPetros wokuqala isahluko 1& 2; uPetros wesibini isahluko 1; uYohane wokuqala kunye neNcwadi yesi-Tyhilelo.

www.mirrorword.net

© Copyright Francois du Toit 2012

ISBN 978-0-9922303-1-9

Abayivumelayo

Ekuphononogeni nayiphi na inguqulelo yeSibhalo kunika lowo ithuba lokuva ulwimi kunye neengcinga zoMenzi wethu, zihlengwe kulo utoliko kunye nolwimi lomguquleli. (Iwabaguquleli) Kule nguqulelo ihlaziyekileyo, uFrancois du Toit uze wavulela ukhuselo abafundi bayo nayiphi na iminyaka, nakweyiphi na inkcubeko okanye olwimi, ukuba bonwabele olumangalisayo ulwazi kulo ungongozo lwentliziyo ye-Agape-apho bonke baziva bethandwa ngokulinganayo; bebandakanywe ngokulinganayo kwaye bexatyiswe ngokulingana emehlweni kaTata, futhi behlangulelwe kulo umanyano esisuka kulo!

I- Mirror igxininisa inyaniso yokuba asiqalanga nje esizalweni sikamama wethu, kodwa siluveliso kunye noluvo lukaThixo. Ukuba nawo ngoku lo msebenzi nasesiXhoseni kuya kuphawula elitsha ilixa kubadala kunye nakubanci ukuba bafumanise kwakho iBhayibhile ngokuhlaziyekileyo.

Atshi-Bhishop DESMOND TUTU Legacy foundation

I-Mirror Bhayibhile yeguqulayo kwaye inobulula inguqulelo, incakasana, ingcombolo kwaye iyaqondakala- lo gama ithwebulayo ikwachontsiza esitsal'umxhelw'isityhilelo somoya. Igwel'ulwazi lobuthixo futhi yeyelixesha. Kumelwe ukuba ifundwe, isisikhokelo esifunekayo kunye nemanywali kumaqhela onke eminyaka kwaye ikulungele ukusetyenziswa kwizifundo zeBhayibhile; ekucamngceni; ekukhonzeni;

Abayivumelayo

kunqulo kunye nasekufuniseni nasebufundini. UYesu Krestu ungusingaye wobhalo lonke.

Amakholwa awasayi kuwuphosa umbindi wenguqulelo nanjengoba kukho efinyeziweyo kunye nechuliweyo intambo ekhokhela kotyhilayo kunye nohlangulayo uKrestu. Abangakholwayo bayakufumana okungenakufaniswa nanto ukuphumla esibhalweni nanjengoba befumana ukutsalwa yinene kunye nolungangenwa moya usondelo lukaKrestu.

Ngokona kuqiniseka le Nguqulelo yenik'ubomi kwaye ikwaguqula kananjalo. Ngokuthobekileyo ndiqononondisekile ukuba uFrancois ukhethwe nguThixo ukukhonza esi sizukulwana kunye nesizayo ngenyaniso engangxengwanga, kanye phakathi kwezinkwalambiso ezingaqondakaliyo, phakathi kweemfundiso ezibuxoki kunye notoliko oluhamba namasiko kunye nobucawa beli hlabathi, ntw'ezo ezize zasiphambukisa enyanisweni.

I-Mirror Bhayibhile lulwamkeleko mbuleko kunye nophuhliso nguqu oluvunywe bubuthixo, noluvuselelweyo futhi lakhokelwa. Le nguqulelo ngaphandle kwentandabuzo lubhentsiso olufingayo kunye neyona nqoba yenkulungwane yethu. Uzuko kuThixo.

Rev. ANOUYA ANDREW MUCHECHETERE, MBA, MA, former General Secretary of the Evangelical Fellowship of Zimbabwe.

Intshayelelo yencwadi yabaseKolose

Kolu mangaliso lomsebenzi, uPawulosi uqhubeka ngokubhiyoza ngobunkunkqela ugqibelelo lomsebenzi kaThixo kuKrestu, ekuhlanguleni umfuziselo wakhe kuthi. Injongo yakhe kukwenza imfihlakalo yeendaba ezilungileyo yaziwe kuwona mongo wayo uncakasana, ukutyhilakala kukaKrestu kuthi kuzalisekisa lonke ulindelo lwethu. UPawulosi ubona ihlabathi lonke njengabaphulaphuli bakhe! Akana-ajenda yimbi, kodwa ukutyhila uKrestu ezintlangeni!

1:28 Le yintloso nentliziyo yomyalezo wethu, sivusa ingqondo yomntu wonke, sibafundisa bonke ngamnye ngokubazisa ekuqondeni okupheleleyo (*kwingcaciso engenampazamo*) **khon'ukuze sibabonise** (*sibangqinelzise*) **bonke begqibelele kuKrestu.**

1:15 Kuye umfanekiso nomfuziselo kaThixo wenziwe wabonakala kubomi bomntu, ukuze bonke bayiqonde imvelo yabo kuye, ungowamazibulo kwindalo yonke. (*Oko bekugqunywe bubumnyama kuthi ukuvezile. Kuye sibona gca isipili esibonisa ubomi ngqangi bethu. Unyana wothando lwakhe unika obuncakasana ubungqina bomfanekiso wakhe kwisimo somntu. Akasoze aphinde uThixo angabonakali!*)

2:9-10 UKrestu utyhila ukuba akukho ndawo emhlabeni apho uThixo anokuba khona, ukuzaliseka kwakhe ngokomzimba kuhleli kuKrestu! UYesu uyangqina ukuba ubomi bomntu benzelwe kanye uThixo! UYesu Krestu

Intshayelelo yencwadi yabaseKolose

ubonisa ukugqibelela kwethu, ungu-Ndinguye kuthi.

Nayiphi na imfundiso ekushiya uziva unokusilela kunye nokungagqibeleli endaweni yofezekiseko, sisiphithikezi enyanisweni.

2:16 Ungavumeli namnye kananjalo azise uthintelo kwinkululeko yakho ngokuvuselela imithetho yenkolo yobucawa nemiqathango ephathelene nokudla, okuselwayo, imigidi yobuYuda yonke, ukuthwasa kweenyanga, kunye neeSabatha zonke zifikelele esiphelweni kuKrestu!

Umdiya-diya wobucawa obufihlise umthetho wemisebenzi njengento yokuchaza umntu wahlutyulwa ngokuphandle. Impumelelo yomnqamlezo ayisayi kuthuliswa!

3:1 Kuba ngenene uvuke kunye noKrestu, Zibuyisele siqu ngokwasengqondweni! Uzifake iigcinga zakho kubukho beenyani zegumbi letrone!

4:4 Umnqweno wam onyanisekileyo ngowokuba umyalezo wam uveze ncakasana imfihlakalo kaKrestu kuwona mxholo wayo ufezekileyo. Wena kanye! Oko kuyimishini yobomi bam!
(Efe 3:9)

Isahluko 1

1:1 Igama lam nguPawulosi. Umlingane wam uTimoti ukunye nam kolu khetheko lomsebenzi, simiswe yinjongo kaThixo, simele ulungiselelo lukaYesu Krestu.

1:2 Sinibulisa ngobabalo, eliyintsikelelo yezinwe zakhe kunye nobuhlobo bakhe, nesihomo kuni baseKolose njengabangcwele nabazalwane ababandakanywe kuKrestu. UThixo nguTata wethu yena uYesu Krestu abe nguMongameli wethu.

1:3 Lonke ixesha sinithandazela siyambulela uThixo ngani. Sonke neNkosi yethu uYesu Krestu sonwabela imvelaphi efanayo kuTata.

1:4 Iingxelo zokukholwa kwenu kuKrestu uYesu kunye nothando lwenu kumlandeli wonke ozinikeleyo, ezo nto ziyasivuselela.

1:5 Izulu (*indawo yomoya*) nguvimba ongenamda wethemba lenu. Isaziso sokulunga kukaThixo asinto ipha kud'ukufikeleleka kwaye ingebo butyebi basebhaku-bha. Ilizwi enalivayo liyinene!

1:6 Eli lizwi lihlokoma kuwe ngaphakathi kwaye umbizane walo woyisa ehlabathini lonke. Isivuno singqineka naphi na kwaye sizuzwa indawo, nanjengoba kubonakele nakumava enu ukususela mhla nevayo kwaye nayiqonda intsingiselo yenene kunye nemfuneko yobabalo lwakhe. (*“Uvuyo lwam olukhulu kubona ukuba ukholo lwenu luvakaliswa kumhlaba wonke. Umhlaba*

Isahluko 1

wonke uphela ngabaphulaphuli bethu!" [amaRom 1:8] UPawulosi usoloko ebona abaninzi xa abhekisa koyedwa.)

1:7 Amava enu ahambelana kanye nemfundiso enayamkelayo ku-Epafras, ongumsebenzi oyintanda kunye nathi. Unentshisakalo ngentlalo-ntle yenu kuKrestu.

1:8 Usixelele uhlobo enisithanda ngalo emoyeni,

1:9 kwaye size saqhagamshelana nani ngokungenakwahlulwa. Umnqweno wethu othe gqolo ngani ngowokuba nigutyungelwe lulwazi lwephupha likaThixo ngeempilo zenu. Sithandazela ukuba umfuziselo wobulumko bakhe kunye neengcinga zakhe zandlaleke kuni kuko konke ukuqiqa ngokwasemoyeni. (Igama u-sunieimi, othetha ukudibana kunye ngonge kudibana kwemisinga emibini, ukuvangana kweengcinga.)

1:10 Khaw'hamba-hamba, ubethwe ngumoya ukuhlola (unweno) ububanzi bomhlaba ongowakho phantsi kobuKhosi bakhe. Ngoku ninokuziphatha ngokufanelekileyo ngakuye, nimkholisa kuso sonke isivuno semisebenzi elungileyo eniyivelisayo. Lo gama, niqhubekeka ngokwanda kulwazi (olunzulu lwangaphathi) loko kwaziwa nguThixo kuyinyani ngani. Oku kuzala obona bomi bunothi bube nomtsalane nozaliseko. (Igama u-peripateo lithetha ukuhamba-hamba yonke indawo. Ulwazi lukaThixo ayilo luqiqo lwethu ngaye, kodwa lulwazi lwakhe ngathi, ukwazi kanye ngolu hlobo kudala sisaziwa ngalo. [Yerem 1:5, ama 1Kor 13:12]).

Isahluko 1

1:11 Nomelezwe ngokuxhotyiswa ngokomelela emandleni kaThixo, ingqondo yakhe ikuni! Uenza nibe nako ukunyamezela ninentumekelelo kunye novuyo. (*Ubuqaqawuli bamandla akhe, okanye doxa, osuka ku-dokeo, ukubona kanye oko ikuko ngenene, uluvo olunyanisekileyo, injongo kaThixo — ingqondo yakhe egqityiweyo.*)

1:12 Siyambulela uTata osivumileyo sithabathe inxaxheba kwesipheleleyo isabelo selifa labangcwelwe ekukhanyeni. (*Ukukhanya kweendaba ezimnandi kutyhila oko uThixo akuzuzileyo ekuguquleni umoni abe yingcwele, suka ku-hagos, ntw'embu (enezotho) ukuyizisa ku-hagios, into eyahluliweyo/engcwalisiweyo: "ungabizi namnye ukuba akahlambulukanga okanye unqambi." [Zenzo 10:28])*

1:13 Wasihlangula kubukhosi bobumnyama (ihlabathi elilawulwa ngumphefumlo/nyama, eliphethwe ngobukhosi ngumthetho wemisebenzi) wasizisa kubukumkani apho uthando lo nyana wakhe lulawula khona. (*Ubumnyama ayilotshoval mandla, kodwa kukungabikho kokukhanya. [Jonga Efe 4:18]. Umqondo omfanyekisiweyo usithelise kuthi inyaniso yengqaleko yethu ehlanguliweyo. 2Korinte 4:4 Into "eyomeleza ubumnyama" yaba bubuxoki esabukholelwayo ngathi ziqu! Igama u-exousia, oguqulelwa igunya ngamaxesha athile, suka ku-ek, mvelaphi/ntsukaphi okanye intloko yomthombo, & eimi, Ndinguye. Ke, ukupopana ngokungazazi ukuba ndingubani na, de kwaba lusuku apho seva khona kwaye saluqonda ubabalo lukaThixo ngenyaniso ngongwe kusesibukweni. Jonga u 2Korinte 3:18 kunye noYohane 1:12)*

Isahluko 1

1:14 **KwekaThixo ingqondo uluntu lubandakanywe kuKrestu, kwigazi ledini lakhe sahlawulelwa, uhlangulo lwethu lakhuselwa, nezono zethu kwagqitywa gqibi ngazo.** (*Igama lesiGrike **elithetha** 'isono' ngu-**hamartia** oyindibaniselana yegama u-**ha** ngaphandle, kunye no-**martia** okuvela kuye u-**meros**, othetha isimo okanye isabelo sethu senene. Ke ukuba ngaphandle esabelweni sakho okanye esimeni, walatha kudideko/lahleko, kugqwetheko kunye nakuchazo olumbacuzekileyo-ubumpangalasangane bobuwena bakho. Igama u-**meros** yingcambu ka- **morphe** njengaku- II Korinte 3:18, igama u-**metamorphe**, kunye nesimo/enesimo, sisichasi sika- **hamartia**- ngaphandle kwesimo. Isono kuphila ngaphandle komxholo woyilo lwengqaleko yakho. Ukuziphatha ngokuphume tu esandini/kulungiselo soqobo lwemvano kaThixo. Jonga iDethor 32:18 Walihilizela iLiwa elakuzalayo kwaye waphuma kwinyathelo loThixo owadanisa nawe. EsiHebhereni, **חיל khul**, ukudanisa. Isono sigqwetha ubomi bengqaleko yethu. UYesu utyhila kwaye ahlangule isimo sethu sokwenene.)*

1:15 **Kuye umfanekiso nomfuziselo kaThixo wenziwe wabonakala kubomi bomntu, khon'ukuze bonke baqonde intsukaphi yabo kuye, ungowamazibulo kwindalo yonke.** (*Oko bekugqunywe bubumnyama kuthi ukuvezile. Kuye sibona gca isipili esibonisa ubomi-ngqagi bethu. Unyana wothando lwakhe unika obuncakasana ubungqina bomfanekiso wakhe kwisimo somntu. Akasoze aphinde uThixo angabonakali!)*

Isahluko 1

1:16 Yonk' into ekhona iqaleka kuye nokuba kusezulwini okanye emhlabeni, ezibonakalayo nezingabonakaliyo, lonk'uhlobo lobulungisa kunye nayo yonk'imigangatho yegunya, izikumkani, nezirhuluneli, nokuba ziziphathimandla, izilawuli, zonke izinto zadalwa nguye kwaye zidalelwa yena.

1:17 Ungumseki wazo zonke izinto kananjalo yonke into ifumana ukufaneleka (*mfuneko*) kunye nomfuziselo wayo wenene kuye yedwa.

1:18 I- 'ekkklesia' (*ibandla*) luveliso olubonakalayo (*umzimba*) ontloko yalo inguYesu. Yimbunguzulu-sikhundla yengunya, leyo ikhokela umngcelele woloyiso lozalo lweth'olutsha luphuma kweyabafileyo indawo. Isikhundla sakhe (*sangaphambili*) sobungangamsha singaphaya kogrogriso. ("*...ekhokela umngcelele wovuko*" — *The Message*)

1:19 UThixo usekhayeni ngokupheleleyo kuye. UYesu uveza uyolo olumnandi lokuba ngumntu kukaThixo (*Delightful intent, enobuyolo injongo, ¹eudokeo. "Phangalele ngendawo, ugumbi, de yonke into kaThixo ifumane indawo elungileyo kuye ngaphandle koxinano."* — *The Message*)

1:20 Wasungulela uxolelaniso lwezinto zonke kuye. Ngalo igazi lomnqamlezo uThixo wayibuyisela imvano ngqangi. Ulawulo lwakhe ngoku loxolo lwandela kuyo yonke into ebonakalayo phezu komhlaba nakwezo zingabonakaliyo kwindawo esezulwini. (*Amazulu, ouranos, indawo*)

Isahluko 1

yophakamiso/yonyuselo, suka-ku-oros, intaba, suka ku-airo, ukunyusa, ukuvusa, ukuphakamisa, “Hayi oko qha, kodwa onke amaceba aphukayo nasukayo endaweni yawo omhlaba. Abantu kunye nezinto, izilwanyana nee-‘atoms’ zalungiswa kakuhle zafakwa kunye kushukumo lwemvano yazo, konke ngenxa yokufa kwakhe...” — The Message.)

1:21 “Ubungqondo benu obunobuqati banahlukanisa kuThixo nakwisimbo sobomi bamatyheneba, iinzima kunye neembulaleko. Kodwa ngoku unixolelanisile kwaye wanibuyisela ngokupheleleyo kuqobo lwengqaleko yenu. (Igama u-poneros, lithetha amatyheneba, iinzima kunye neembulaleko, elisoloko liguquletwe “ububi” (okungalunganga). [Jonga kwiSeptuagint: umthi wokwazi okulungileyo nobunzima bokubulaleka!]) Ukuxolelanisa: **apokatallasso**, ukubuyiselwa ngokupheleleyo kuqobo lwexabiso. [Kwintsingiselo ye Thayer: ukutshintsha, ukutshintshisa, njengeenkozo [coins] ngezinye ezikwanexabiso elinye.)]

1:22 Wakuphumelela oku ekufeni ukufa kwethu emzimbeni womntu, wasimela ngokupheleleyo ukuze asibonise kwakho ngokupheleleyo kubumsulwa obungenakutyholwa, ubuso-ngobuso noThixo, ngaphandle kwemvakalelo yolwankwintshana, ukukroka, ukuzisola, okanye isityholo, onke amatyala ayemelene nathi acinywa ngokusesikweni.

1:23 Hlalani phantsi kwempembelelo yoko kwaziwa lukholo lwenu kuyinyani ngani,

Isahluko 1

nimile ngokuthe nkqi esisekweni senkolo yenu khon'ukuze ningaphazanyiswa nto kulindelo lweendaba ezimnandi, ithemba elikanye noko nakuvayo. Nanjengoba nam, Pawulosi, ndikulungiselelo lokuvakalisa omnye qwaba umyalezo onkqenkqeza inyaniso ngentlocomo mhlaba wonke phantsi kwezulu. (*Ibakala lendawo yomoya engabonakaliyo. "Nihlale nombelwe kwaye nithe nkqi kwimbumba yethemba, maxesh'onke nivuleke kuwo umyalezo, nizigadile ningaphazanyiswa okanye nijikwe kuwo. Akukho myalezo wumbi—ngulo nje kuphela. Sonke isidalwa phantsi kwezulu sifumana kwalo myalezo. Mna Pawulosi ndisisithunywa salo myalezo."* —*The Message.*)

1:24 Kungako kungekho hlobo lwambandezelo linakungenela eluvuyweni lwam. Lonke ubandezeleko endaweni yenu lelinye nje ithuba lokuqinisa kwakho oko kungabe nisilele kuko (*emqondweni wenu*) weentlungu zikaKrestu endaweni yomzimba wakhe, lowo ulibandla lakhe. (*Uphazamiseko lokungabe uPawulosi ubandezeleka endaweni yamakholwa ayikokwengeza kwiimbandezelo [kwiintlungu] zikaKrestu — ngonge iintlupheko zikaKrestu endaweni yethu zazingonelanga, kodwa kukugxininisa kwakho nokungqina imfundiso yokungazithandi siqu efinge ulungiselelo lweTestamente Entsha.*)

1:25 Ndingumlungiseleli kwi-ikhonomi kaThixo, 'imishini' yam kukwenza ilizwi lakhe laziwe kuni ngeyona icace gca ingcaciso.

Isahluko 1

1:26 Isiqalelo semfihlakalo eyayiprofeta sasifihliwe kumaphakade nezizikulwana, kodwa ngoku iqondwe ngokuphepheleleyo kubumsulwa bethu obuhlanguliweyo.

1:27 Kuthi apha, uThixo unqwenela ukuveza enqabe kakhulu yona ityesi (ndyebo) yokuhlalwa nguKrestu, khon'ukuze bonke ngabanye emhlabeni, nokuba bangoobani na bafumanise oko kuxabiseke nokugqitha kwaye bazi uKrestu okubo ngongekusesibukweni! Ungumnqweno weentlanga futhi ezezekisa lonke ithemba lazo. *(Akazimelenga embalini, okanye ngaphaya kwesibhakabhaka, engazimelanga nakumaphepha esiBhalo, kodwa uboniswa nje apho ukutyhilwa kuwe. Mawu 13:44, ama Gal 1:15, 16- 2 Kori 3:18, 2 Kori 4:4,7. Inkulu le nto! Oko ngoku uThixo anako ukuhluba kubaNgcwele, kwaoko kuphathelele ngokulinganayo nasezintlangeni! UKrestu ezintlangeni lithemba lozuko! Le yimfihlakalo yamaphakade! Kuko oku ebesikulindele lonke eli xesha. 1Hagayi 2:6,7)*

1:28 Le yintloso nentliziyo yomyalezo wethu, sivusa ingqondo yomntu wonke, sibafundisa bonke ngamnye ngokubazisa ekuqondeni okupheleleyo *(kwingcaciso engenampazamo)* khon'ukuze sibabonise *(sibangqinel/zise)* bonke begqibelele kuKrestu. *(kuguqulwa u-vous + tithemi njengokumiswa/hlanganiswa kwakho kweengqondo zonke nekaThixo ingqondo. Igama u-sophos, usuka ku-sophes othetha 'icacile,' ngcaciso. Igama u-paristano, lisuka ku-para, indawo yempembelelo, olona nxulumano*

Isahluko 1

lakha lasondela, kunye no-histemi, othetha ukuma, ukubonisa nangobungqina. Igama u-teleios, lithetha ukugqibelela, ngaphandle kosilelo/labalabo kwaye ukubanako ngokugcweleyo.)

1:29 ¹Ukuzaliseka kwenu kuKrestu kulapho ndithabathela khona! (*Ufezeko lwenu kuye sisingqiniso sakamsinya.*) Ukubulaleka kwam ngoku kodlula nayiphi na inzondelelo ebe ndiyazi ngaphambili phantsi komthetho wamandl'entando kunye nemfanelo. Ndisebenza ngaphaya kweqondo lokudinwa, ndibila ndisoma ngomfutho wengqibo nawo onke amandla andivuselela ngawo. (*1eis, indawo ekufikelelwe kuyo ngoqukumbelo*)

Isahluko 2

2:1 Yibani nomfanekiso woku: iqonga limisiwe, umdlalo uyaqhubeka! Kwaye ungaphaya kombukeli nje. Simelene omny'ecaleni komnye kwi 'arena'(ibala) njengeembaleki ezimbini ezingoomatwa-totse: umnyhadala kubonisa uKrestu okuwe de nonke kunye nabo baseLawodike babone oko ndikwazi ubuso-ngobuso hayi nje ngondiva! (UKrestu akakho ngakumbi kuPawulosi ngaphezu kwabaphulaphuli bakhe! I-KJV ifundeka ngolu hlobo, "What great conflict" Igama u-helikos, lisuka kwi- Ntsingiselo yeThayers liguqulelwa "ukuba mde njenga... ubudala njengamaqhawe alinganayo. Abakhuphisani ababini ababunzima bulinganayo, ikwazimbaleki eziminyaka ifanayo." I-arena okanye umnyhadala, **agon**, kwi-Ntsingiselo yeThayers "umhlangano/ingqungquthela ezokubukela imidlalo kwi-arena okanye ebaleni.")

2:2 Umyalelo ogunyazisiweyo wolungiselelo lwam ngowokuba iintliziyo zabo bonke zivuswe ekuboneni ububona babo bokwenene, buphotheleke kumthungo wothando. Oku kuya kunilontshela kubomi bokwazi indyobo yoqukumbelo lonke kunye nokubona kunye okufihlwe kwimfihlakalo kaThixo, lowo wasizalayo kwaye wasityhila (sonke) kunye kuKrestu. (igama u-parakaleo, lisoloko liguqulelwe ukuthuthuzela, lisuka ku-para, isihlanganisi esibonisa usondelelwano, into evela kwindawo yefuthe, ngelokubonisa ubunye bendawo yokuhlala, ephume/exhume kumbhali okanye kumniki wayo, evela ngokoqobo, uchaza indawo apho isenzeko siqaleke/sivela

Isahluko 2

*khona, uqhagamishelwano olusondeleyo, & kaleo, ukubiza ngefani(okwesibini), ukuchaza ngegama, ukubiza ngegama. Amazwi u-**sumbibatzo en agape**, athetha ukuphotheleka kumthungo wothondo, ize igama u-**suniemi**, lithethe ukubona okunye/ukudibana ngokubona, okanye ukuqonda kunye.)*

2:3 Yonke into enothi ichaze ubutyebi bethu ifihlwe kuye. Kuye uKrestu ezezekileyo ityesi yobulumko bonke nolwazi ibuthelene. *(Igama u-**apokriphos**, oguqulwe ku-pha kude/lee ku & **krupto**, ukufihla, gcina emfihlakalweni. Igama u-**thesaurus**, ityesi/uvimba, indawo apho izinto ezixabisekileyo ziqokelwe zabekwa khona, suka ku-**tithemi**, ukubeka & **theo**, Thixo, indawo/umbilini yokugqibela yazo zonke izinto. UKrestu ngumxholo wabo bonke ubulumko nolwazi.)*

2:4 Ndizekeleze ukuyitsho ngeyona ngcaciso ukuze kungabikho namnye oyakunikhokelela kwelicekisekileyo uqukumbelo, ngokunigob'ingqondo ngobuciko bamazwi. *(Nawuphi na umyalezo ophambukayo kwisityhilelo semfihlakalo kaKrestu okuwe, loo myalezo lowo ufunyenwe kwimbudane.)*

2:5 Ukungabikho kwam siqu akundiqeleanisi kuni emoyeni. Ndiyavuya ukubona ukuba isimbo sobomi benu esiqeqeshekileyo futhi silandeleka, asiphazamisi kubulula bokholo lwenu kunye nokuzithemba kwenu kuKrestu.

2:6 Ihambo yakho yamihla le ayahlukanga kulwango lwangaphambili ekuqaleni kokuqonda

Isahluko 2

kwakho unxulumaniso lwakho lobuthixo kuye.
(Nanjengoba wamamkelayo uKrestu, hamba ke kuye.)

2:7 Kanye njengeengcambu zomthi, thabathani (fumanani) isondlo kunye namandla enu kuye. Njengesakhiwo siphakama kwisiseko saso, ubomi benu benza ukuphelela kwesithomo sikaKrestu sibonakale, nimi ngobude ezihlangwini zakhe, nithe nkqi kuzinzo lokholo. Ulwimi lombulelo oluphuphuma emilebeni yenu lubonisa kanye oko nakufundiswayo.

2:8 Zilumkeleni ningathathek'iatingqondo yimilavuzo engaphethe nto, ningabi ngamaxhoba wakhe namnye kulambatho lweengqondo zemfundimani, iingqikelelo eziphuthileyo ezizekelwe kumasiko nezicengcelezo eziphathelene nezithethe (imithetho) zehlabathi zabantu kunye neenkolelo ezingenanto yakwenza noKrestu. *(Nayiphi na imfundiso ekushiya nemvakalelo yokusilela nokungagqibeleli endaweni yokuzaliseka luphazamiso enyanisweni.)*

2:9 KukuKrestu apho uThixo afumana khona oluncakasana kunye nolufezekileyo ubonakaliso, emzimbeni womntu! *(Lo gama indawo zezibhakabhaka zingenakumlinganisa okanye zimchaze uThixo, umfuziselo wakhe ochanekileyo uboniswe kwisimo somntu. UYesu uyayingqina into yokuba ubomi boluntu benzelwe kanye uThixo!)*

2:10 UYesu ubukisa ukugqibelela kwethu kwaye uvuma-ngokuqinisekisa ubuthina

Isahluko 2

bethu benyaniso. Ungu-“Ndinguye” kuthi. (Akumangalisi na ukuba uThixo wapakisha ukugqibelela ku-“Ndinguye” oboniswa kuwe! Ubambezeleko lwaphelelwa lixesha! Asiqubisani nento ethi “Ndandi saya... u”ndandi okanye u-“Ndizama, kodwa sibhiyozela u-“Ndinguye. Igama u-*arche*, uthetha usosikhundla. Igama u-*exousia*, lithetha igunya iikhomponenti zalo ngu-*ek* + *eimi*, evelalesuka ku-Ndinguye. Iintsuku apho ubomi bethu bebulatwulwa phantsi kobuzwilakhe bomthetho wemisebenzi kunye nobuthina bethu obuhlelelekileyo ziphele tu. [Jonga Kol 1:19] Umlinganiselo opheleleyo wento yonke uThixo anayo engqondweni ngomntu ubuthelene kuye.

“Ukugqibelela kwakho kubonwa kuphela kuye.” — Phillips Translation.)

2:11 WawukuKrestu xenikweni esifa, nto leyo ithetha ukuba ukufa kwakhe kubonisa ulwaluko lwakho lwenene. Igunya lesono emzimbeni womntu lahlutyulwa kuye ekufeni ukufa kwakho.

2:12 Kwangokunjalo (*ukwaluswa naye ekufeni kwakhe*) ukungcwatywa kwanokuvuka kunye naye ngoku kuboniswa embhabhatizweni, ubandakanyo lwakho kuKrestu koko kwakusaziwa lukholo lukaThixo xenikweni emvusa ngamandlakazi ekufeni. (*Hos 6:2*)

2:13 Naningabafileyo emoyeni, nanjengoba kwangqinwa kusoloko nilabalaba; nanipaneke kwisimbo sobomi esilawulwa yiminqweno egqwethekileyo yenyama, kodwa ngoku uThixo

Isahluko 2

univuse naye waze ke wabubuyisa ubumsulwa kunye nesidima sethu, ezixolele zonke izikrezo zenu. (Ukungaluki enyameni umz esiGrikeni kuthetha ubomi obulawulwa ngamalungu ombulo. Igama *u-paraptoma*, suka ku-*para*, olona sondelo, indawo yempembelelo & *pipto*, ukuyeka ukubhabha, suka ku-*petomai*, ukubhabha, ke, ukuwa phezulu/ekubhabheni okanye ukuphulukana nephezulu.)

2:14 Umzimba wakhe owabethelelwa emnqamlezweni wajinga apho njengedokethi letyala loluntu, ekufeni kwakhe ukufa kwethu wacima ingcombolo yombhalo wesandla werekhodi lokuwa kuka-Adam. Lonke ibala elashiywa sisono kwisazela sethu lasuswa ngokugqibeleleyo. (Igama *u-exaleipho*, suka ku-*ek*, phuma ku, & *aleipho*, nge, njengesuntsu lobunyeli ndibaniselwano, & *liparos*, thambisa(futha) ukushiya ibala, ityala laba njengefutha okanye ibala/ isibhaxu sefutha kwisazela somntu owileyo. Igama *u-cheirographon*, oququlwa ukuthi okubhalwe ngesandla. Igama *u-dogma*, suka ku- *dokeo*, uhlobo lwengcinga, ke uhlobo lwengcinga ekhuhlelwe ngokubhalwa ngamava omntu okusoloko elabalaba ekwenzeni oko kufunwa ngumthetho. Kumbhalo wesandla sakhe umntu wavuma-ngokuqinisekisa isigwebo sakhe sokufa. Izandla zoluntu oluwileyo zabetha umzimba kaYesu ngemivumbo yenzondo yenkolo yalo yobucawa kunye nomsindo xenikweni lalixhoma umzimba owawuligazi wakhe emnqamlezweni, Lalingazi ukuba kwimfihlakalo ye-ikhonomi kaThixo uYesu waye elixhwane labantu. bonke bephela! [Isa 53:4, 5] "Isileyiti

Isahluko 2

sicocwe ngokwesulwa, esasiqinisekiso sokusibambisa sacinywa kwaye sabethelelwa emnqamlezweni.” — The Message)

2:15 Uqaqambo loloyiso lwakhe lwacima naluphi na ubango lwesityholo ngokuchasene noluntu. Ilizwi lomnqamlezo alisayi kuthuliswa! (*Ububi bokoyikeka komnqamlezo ngoku kuyimbasa kanaphakade yoloyiso lukaThixo phezu kwesono! Umnqamlezo wabhunca inkolo yobucawa igunya layo lokusenga umntu ngetyala. Sonke isityholo saphulukana namandla aso okuqhubeka nokuhlawulisa ngokugrogrisa ulumntu. Igama u-**apekduomai**, liguqulwe ku-**apo**, kude lee ku, & **ekduo**, ukuhlutyw'impahla, umrhaji wobucawa benkolo owawufihlise umthetho wemisebenzi njengento echaza umntu wahlutyulwa ngokuphandle. Ubukhosi bomthi wokwazi okulungileyo nokubi (**poneros**, ukubulaleka nokusebenza nzima) bapheliswa. Igama u-**deikmatizo**, lithetha ukuveza esidlangalaleni. Igama u-**parresia**, suka ku-**pas**, lonke/zonke & **rheo**, ntetho ephandle, ukuphokoka ngentetho.*

“Wabhunyula bonke oziphathimandla bomoya ehlabathini kwingunya labo elingelilo emnqamlezweni wabamatshisa ze ngezitalato.” — The Message

Jonga amagqabantshitshi ku 1Korinte 15:24, Uqukumbelo oluphelelisileyo kumsebenzi wakhe wohlangulo lubhiyozelwa ekunikeleni kwakhe esipheleleyo isivuno sobukhosi bakhe kuThixo uTata, ebhangise umthetho wemisebenzi obuxhase yonke intsingiselo yolawulo phantsi kokuwa, oku kubandakanya zonke iziphathimandla, lonke igunya nayo yonke impembelelo

Isahluko 2

yamandla kwimpilo yasekuhlaleni. Ubhangise umthetho wemisebenzi, osuka kwigama u-**katargeo**, suka ku-**kata**, othetha ifuthe, & **argos**, othetha imbulaleko, ke ukukhululwa kuwo onke amandla akho okuzama umnyinyiva koko uThixo sele ekugqibelelisile kuKrestu. Zonk'iziphathimandla, **arche**, okanye oososikhundla, umz, ikumkani, izirhuluneli, oku kubandakanya nayiphi na inkqubo yoburhuluneli (yolawulo) apho omnye aphezulu kunomnye ngesikhundla ngokusekwe phezu kwemisebenzi yabo okanye ukukhethwa.

Lonk'igunya, **exousia**, osuka ku-**ek**, obonisa ukuqaleka koqobo kunye no **eimi**, "Ndinguye;" ngokwale meko, ngenxa yoko ndinokwenza, ndichazwa koko ndinokwenza ngcono kunawe, kananjalo, ndinegunya phezu kwakho. Lonke uhlobo lwempembelelo yamandla kwimpilo yasekuhlaleni, **dunamis**, othetha amandla, kulo mxholo, amadla entando. Lonke ulwakhizo loburhuluneli kwimpilo yasekuhlaleni luyakuthotyelwa phantsi kobukhosi bobabalo, apho ubomi bukaKrestu bulawula khona.

Kwabase 1Kor 2:7-8, Sivakalisa amazwi obulumko obabufihlwe kwinzolo yamaphakade angaphaya kwexesha, imfihlakalo eyendlala iCebokazi likaThixo apho ahlangula khona uzuko lakhe emntwini. Abapolitiki nkqu 'nababhenci bezibhalo (theologians) zange babe nofifi ngale mfihlakalo [yobandakanyo loluntu kuKrestu], ukuba babesazi, ngebabengazange bayibethelele iNkosi leyo ukufa kwayo kwahlangula uzuko lwethu!)

2:16 Ungavumeli namnye kananjalo azise uthintelo kwinkululeko yakho ngokuvuselela

Isahluko 2

imithetho yenkolo yobucawa nemiqathango emayela nokudla, okuselwayo, imigidi yobuYuda yonke, ukuthwasa kweenyanga, kunyene Sabatha zonke zifikelele esiphelweni kuKrestu! (*Imfuneko yazo ibikukhonza ngokukhumbuzisa ngesithembiso sikaKrestu nyaka-nanyaka, nyanga-nanyanga, vekinaveki. Bezibambe isithembiso njengomkhaya (placenta) oqulathe iyuku elingekazalwa, kodwa waphutha emveni kokuba lizelwe.*)

2:17 Ezi zinto ibizizithunzi nje eziprofetayo, uKrestu ungunikhoyo.

2:18 Ubungqondo benkolo yobucawa kuvolontiyi lwentobeko kunye nokungaziva ekuzinikeleni kunqulo lweengelosi, akuzukuzela namvuzo. Ungavumi namnye ozama ukudlal'indima yomlamleli kunqulo lwakho exinzelela uluvo lwakhe, evingcwe kwinqondo evuthelwe yimvakalelo kunye noporho, ezo nto azibiz'imibono yakhe ngumoya nj'oshushu lowo. (*Kumgwebo wakhe uyalabalaba ukutolika iintsingiselo ezizizo zomnqamlezo.*)

“Ungabavumeli abantu abazama ukulawula, bekuyalela ukuba guqa kwaye ukhuhle, [ukuze kubekho umnyinyiva kubume bakho phambi koThixo], bekuthundeza ukuba uzidibanise nabo ekungaziveni kwabo ngeengelosi kunye nasekufuneni imibono. Ngumoya omninzi otshisayo, nantso qha into eyiyo loo mibono yabo.” — The Message.

2:19 Olu hlobo lwesidubada sobucawa siphume tu kwisingqi sentloko (*baphuncukile kwintloko*)

Isahluko 2

enguKrestu). Uqhagamshelene ngqo noKrestu, lowo usezela umculo njengombhexeshi kwayala kubo bonke, kanye njengomthungo wobugcisa uphothelana kwimvano ukutyhila ukuphelela kwesithomo sovuselelo lobuthixo. (*Eso singuKrestu okuwe. Igama u-epichoregeo, libhekisa kumbhexeshi kwayala. [Jonga u-2 Petr 1:11] Ke, omkhulu uMbhexeshi womculo wobutsalela ubomi bakho kwesipheleleyo isandi semvano yaw'amaphakade.*)

2:20 Ukuba kuyinyaniso okokuba wabandakanywa ekufeni kukaKrestu, ke iinkqubo zenkolo zeli hlabathi zobucawa nemithetho kunye nemiqathango yazo azisasebenzi kuwe. Ngaba iseyintoni ngoku imfuneko yokuba uqhubeke nokuphila phantsi kwempembelelo yeemfundiso zabantu kunye nezimvo zabo?

2:21 'Ntw'ezifana nezi: "Uze ungazibandakanyi nalo!" okanye "Sukuyingcamla leya!" okanye "Ungayichukumisi nangomnwe wakho le!"

2:22 Le miyalelo ayinaxabiso lisisigxina kuba ibhekisa kwizinto ezonakalayo zakube zisetyenzisiwe, ke azishiyi mahluko ubhekephi empilweni yakho. Sukuvumela ke izinto ezincinci ezingenamsebenzi zabantu zikuxhalabise. (*UYesu wathi, ayikuko oko kungena ngomlomo okungcolisayo, kodwa kokuphuma entliziyweni!*)

2:23 Isiko lenkolo yobucawa libonakala ngathi lizinikele kakhulu nabalandeli bayo banenkangeleko yentobeko kunye nobungcwele

Isahluko 2

kubungqongqo bokugcina imithetho, ngelokulawula isimilo somzimba. Ingxaki inye ke ngale nto, inyama ayonezeki kwaphela.
(The Message iguqulela ivesi 19- no 23 ngolu hlobo: "Baphume tu eluchukumisweni lentloko yomthombo wobomi, uKrestu lowo osidibanisa sonke kwisuntsu elinye, omphefumlo negazi lakhe zibaleka kuthi. UyiNtloko thina singumzimba. Sinokukhula empilweni kuThixo njengoba esondla. Ukuba ke, kuKrestu ubeke ngasemva yonke lankolo yobucawa yonkwalambiso nobuntwana, kutheni ke ngoku uzenza isigculelo sayo? "Sukuyibamba le! Ungayingcamli leya! Ungasondeli ecaleni kwale!" Ucinga ukuba ezi zinto zikho namhla zingabikho ngomso zifanele olo hlobo loqwalaselo? Ezo zinto zivakala zikholisa ukuba zitshiwo ngelizwi elinzulu ngokwaneleyo. Zikwanika nkqu nokhohliso lonqulo nentobeko kunye nokubangcathu.)

Isahluko 3

3:1 Zibone uvuswe kunye naye uKrestu! Phonononga ngoku ngoqononondiso isiphumo sobandakanyo lwakho kuye. Zibeke kweny'indawo ngokwasengqondweni! Uzifake iingcinga zakho ngobukho beenyani zegumbi letrone. Uvuko lwakhe lwakuphakamisela kwindawo enye yegunya, apho ngoku uhleli kunye naye kwigunya lolawulo lwesandla sokunene sikaThixo.

3:2 Ekuthandeni ukuziqhelanisa ngozazisa ngeengcinga zetrone kuya kugcina ungaphazanyiswa kwakho libakala lomhlaba (*elilawulwa ngumphefumlo*) (“Zimiliseleni iingqondo zenu kwizinto zaphezulu hayi kwizinto zaphantsi!” RSV. Qaphela kunye namaRoma 1:18 apho igama u-**katecho** lisetyenzisiweyo khona- ukuhlokomela ngaphantsi, usisichasi segama u-**anoch**e ukuhlokomela ngaphezulu-Roma 2:4 & Roma 3:26. Nama 2 Korinte 4:18 Asizibaleli ntweni izinto ezibonakala (*vakala*) zicacile kwiimvakalelo ngokwasenyameni, ngumzuzwana, ziyadlula kwaye aziphathelelanga, lelingabonakaliyo ibakala likanaphakade ngaphathi kuthi, elinengqalelo epheleleyo yethu kwaye lisithabathele kuqwalaselo lwalo! (*Ingqondo ehlaziyiweyo iyayoyisa indawo leyo ibigcwele kuqala luleqeko lwamampunge nemikhwa*).

3:3 Umanyano lwakho nokufa kwakhe kwaphula udlelwano nela lizwe, zibone ubekwe kwinqumba apho ubomi bakho bufihlwe noKrestu kuThixo! (“Ngaloo mini uyawukwazi ukuba NdikuTata wam, wena ukum kwaye nam ndikuwe.”

Isahluko 3

Yohane 14:20. Zalisa ingqondo yakho ngolu hlobo lutsha lobomi, wafa xenikweni uYesu esifa, nantoni na ibikuchaza ngaphambili ayisakuchazi mmo-mmo. UKrestu lowo kukho kuye ukuzaliseka koThixo oyintloko, uyakuchaza ngoku! Imfihlelo yobomi bakho bubunye bakho noKrestu kuThixo! [Jonga Kol 2:9, 10]

“Uvukile ke noKrestu kufuneka uphakamisele iingcinga zakho phezulu, apho ngoku ahleli khona uKrestu ekunene kwesandla sikaThixo, kufuneka ube nengqondo yezulu hayi ingqondo yomhlaba. Ufile kwaye ubomi bakho ngoku bufihlwe lee noKrestu kuThixo. UKrestu bubomi bakho, xa ebonakaliswa nawe uyabonakaliswa eluzukweni lakhe.” — Knox Translation)

3:4 Obona bomi kanye buboniswe kuKrestu ngoku buphinda-phindwa kuthi. Sityhilwa kunye naye kobo buyolo (ncwane), sidityaniswe ebunyeni naye, nanjengoba ubomi bakhe butyhila wena, ubomi bakho butyhila yena! (Le vesi rhoqo yayiguqulelwe kwakho ukubambezela isityhilelo sikaKrestu kwisiganeko sekamv'elisezayo! Igama u-**otan**, osoloko eguqulelwe “xa athe/xenikweni/mhla” uguquleleka ngcono ku-“lonk'ixesha/maxa onke.” Kukuthi ke, lonke ixesha ebonakaliswa uKrestu siyabonakaliswa nathi eluzukweni lakhe.” Ngokwe Walter Bauer Lexicon, u-**otan** usoloko esetyenziswa ukubonisa ukuphinda-phindeka kwesenzo. UParwulosi uvakalisa ukuzukiswa kwethu kunye kuKrestu! Sityhilwa kunye naye kobo buyolo bothamsanqeleka. [Jonga ama 1 Kor 2:7-8, amaRom 3:23-24, amaRom 8:30, 2 Petr 1:3.] Kuye siyaphila, siyanyakaza kwaye sinobukho bethu! [Zenzo17:28])

Isahluko 3

3:5 Wabaleleni amalungu emizimba yenu njengafileyo kwaye engcwatyawe kuko konke okuphathelene nemikhwa yehlabathi, urheletyo, iminqwen'etshayo ezintweni ezingavumelekanga, inkanuko nokunyoluka, ntw'ezo ezikwaluhlobo lonqulo zithixo. (*Unqulo zithixo kunqula umfanekiso wakho ogqwethekileyo!*)

3:6 Ezi mbonakaliso zigqwethekileyo zinxamnye mpela kwingqaleko kaThixo kunye nakumnqweno wakhe ngobomi bakho. (*Isivakalisi esithi, "koonyana abangathobeliyo/bongakholwa, sengezwa phambili exesheni kweminye imibhalo ngqangi. [manuscripts]*)

3:7 Sonke sasikho kwelo khukhuliseko lwesimbo sobomi benkanuko nokunyoluka.

3:8 Kodwa ngoku, ngenxa yokuba uqiqile ukuba wafa kunye kwaye wavuswa kunye noKrestu, ungazigungxula iingcinga zakho ngenyaniso! Bekani mlibe konke oku emva: ugqabhuko lwemisindo nokhohlakala, udakumbo, izonyeliso nako konke ukungcola. (*Nawuphi na umzamo wokonyelisa omnye kwaye umenze abe negama elibi, blasphemous), naluphi na uhlobo lwencoko enxamnye (kokuqhelekileyo). (Ubude bobomi bonxulumano nesono buqhawuliwe, ubukhosi besimo sikaThixo butyhiliwe kwakho kubomi nje obuqhelekileyo.)*)

3:9 Oba bomi budala yayibubuxoki, bumgqakhwe kwingqaleko yethu! Eza ngubo zokuzifihlisa ngoku zihlutyulwe ngokucokisekileyo

Isahluko 3

kuthi, emqondweni wethu wokudityaniswa noKrestu ekufeni naseluvukweni lwakhe. Asisanyanzelekanga ukuphila phantsi kochazo kunye nakuphatho lweengubo (*mpahla*) ebesizinxibile ngaphambili, kwaye asiqhathi namnye ngezinkwalambiso ezibuxoki. (*Impahla enxitywa ngumdlali qonga ichaza indima leyo ayidlalayo, kodwa ayisoze ichaze yena.*)

3:10 Simi sisaziwa ngokupheleleyo kwentsha indalo sihlaziyiwe kulwazi kanye ngolu hlobo lutwatse nomfanekiso womdali.

3:11 Isityhilelo sikaKrestu okuthi sinika uchazo koyedwa ngaphaya kwayo nantoni na ubani anokuba yiyo njengomGrike okanye umYuda, iMelika okanye umAfrika, owangaphandle, odumileyo, ndoda okanye mfazi, kumkani okanye isicaka. Ukususela ngoku wonke umntu uchazwa nguKrestu, bonke bamelwe kuKrestu. (*Ekuboneni yena hayi nje eshicilelwe kwimbali, kodwa etyhiliwe kuthi, sifumanisa ubuso bobuntu bethu ngongekusesipilini! [James 1:18]*)

3:12 Uyimveliso yothando lukaThixo, wakubuyisela kwingcinga ngqangi yakhe. Ungowakhe yedwa. Kufana nokutshintswa kweengubo. Nanjengoba ngoku uyilahlil'endala, vatha ububele, ukulunga, intobeko, ubulali kunye nomonde. (*Nanjengokuba kuqala ubusaziwa ngeengubo zakho, ezi mpawu zale migangatho ngoku ziyakuchaza.*)

Isahluko 3

3:13 Niphakamisane kwithemba eliqinisekileyo. Ukuba omnye ufumana impazamo komnye, mbuyiseleni loo mntu ezinweni, nikhumbula nendlela elatshintsha ngayo iimpilo zethu uxolelo lweNkosi.

3:14 Yambathani uthando njengengubo, kuko oku okugqibelelisa umfanekiso wobunye bethu.

3:15 Tyumbani uxolo lukaKrestu njengomlamleli ezintliziweni zenu. Sonke siphela sichazwe mntwini-mnye; mnye qha umzimba. Sizalelwe ukuba yintsikelelo kwaye sibonise ukulunga kwakhe.

3:16 UKrestu lulwimi lelizwi likaThixo. Yek'umyalezo wakhe utshone kuwe ngomgodi wamazwi angenamda, uthabathele ubulumko kwelona qukumbelo lwabo luphelelisileyo. Oku kwenza ubudlelwane benu indawo yokufundisa kwimo yendawo yomculo. Sonke isifundo sisikhumbuzo, sihlokoma kuyo yonke ingoma eniyihlabelelayo, nokuba yindumiso (*nibhekreze ngoThixo kwinzukiso nonqulo oluhamba nezixhobo zomculo*) okanye nitsho ngeculo (*ingoma yobungqina*) okanye ngosemoyeni umhlabelelo (*entsha engacwangciswanga eprofetayo ingoma*).

Ubabalo luphemba intliziyo yakho ngovuselelweyo umculo kuyo iNksosi.

3:17 Yonk'incoko nenkcukacha yamihla le yokuziphatha kwenu ibukisa yena, igama nobukhosi bakhe buchaza ubomi benu kwaye

Isahluko 3

buvuselela onzul'umbulelo wenu kuThixo uTata ngalo ubabalo lwakhe.

3:18 Uxolo lwakhe ngumlamli wabo bonke ubudlelwane benu, ngakumbi kulo usapho. Bafazi, zibekeni ekusondeleni kwenkathalo yamadoda enu, nibuvuma ubukhosi bukaKrestu kuwo.

3:19 Madoda, bathandeni abafazi benu ngokuthambileyo. Ningabadakumbisi.

3:20 Bantwana, niveza ubomi bukaKrestu ngendlela eniphendula ngayo kubazali benu, bagcineni beqhakaze luvuyo, babonisa imihlali kaThixo kuni. (*“Parents, don't come down too hard on your children or you'll crush their spirits.” — The Message.*)

3:21 Abazali banoxanduva lobume ekhayeni, kuthinteleni ukuxoxisana ukunokucim'umoya womntwana.

3:22 Ukuba uqeshwe ngomnye, noba kufanele ukuba usebenze njengekhoboka, khumbulani iintliziyo zenu zithungelwe ekuzinikeleni kuThixo. Ungazenzi oxakekileyo kub'ujongiwe, bonisa inkuthalo enye nasemveni komqolo woqheshi wakho.

3:23 Nantoni na oyenzayo, yiba nomfanekiso kaKrestu kulo mntu umenzelayo, kwenza umahluko xa unikela intliziyo yakho kuyo.

3:24 UThixo akatyali mntu, uqeshwe phantsi kobuKhosi bukaKrestu.

Isahluko 3

3:25 Ukuphila ngokunxamnye kubomi
obuhlanguliweyo bengqaleko yakho
kuzenzakalisa, awuchazwa ngumsebenzi
owenzayo nokuba ucinga ukuba ungubani na.
Ukungalungisi kuqulathe isiphumo sako kwaye
akungomhloniphi wabuso bamntu.

Isahluko 4

4:1 Ukuba ungumqeshi baphathe abo bakusebenzelayo ekukhanyeni kokulingana kwabo kuKrestu; ukuphatha ngolo hlobo nawe kwaye ungomkhul'uMqeshi kweyomoya indawo. *(Le vesi iqukumbela ingcinga ekwi 3:25 kwaye bekufanele ukuba ibe yinxalenye yesi sahluko sigqithileyo. UPawulosi zange abhale ngezahluko neevesi.)*

4:2 Funzelani kumthandazo ozondeleleyo. Ninyamekele kwaye nilindele *(kwilizwi lomoya, ningagcwali yimithandazo ngenxa yenu ziqu nemfuno zenu).* **Ubabalo nombulelo lulwini lomthandazo.**

4:3 Ngaxesha-nye nindikhumbula nam emithandazweni yenu. Nithandazela ukuba le nto uThixo anayo kum ichaphazele abaninzi ngesityhilelo semfihlakalo kaKrestu kude ngaphaya kwamagubi esisele. Iimbophelelo zesi sisele azilinganisi ulungiselelo lwam, kodwa umyalezo wemfihlakalo kaKrestu okum nguwo. *(Kol 1:25-29)*

4:4 Umnqweno wam onyanisekileyo ngowokuba umyalezo wam uveze ncakasana imfihlakalo kaKrestu kuwona mongo wayo ufezekileyo. Wena kanye! Oku kungumsebenzi wobomi bam! *(Efe 3:9)*

4:5 Ningadlali ngawo amathuba enu okuchukumisa abanye ngelizwi, ngenxa yokuswela ubulumko. Nangona bekhangeleka "bengaphandle," indlela enibangena *(isimo senu)* **ngayo enyanisweni iyakutyhila kubo indlela**

Isahluko 4

“abangaphakathi” ngayo. Lihlanguleni ixesha ngokusebenzisa onke angawona amathuba *(Ixesha lifumana ukubaluleka kwalo kubukho bohlangulo.)*

4:6 Nongani intetho yenu ngobabalo. Oku kuhlala kulelona thuba linomtsalane nokulunga ekusabeleni kuyo yonke imeko.

4:7 U-Tikiko, umzalwane oyintanda nongumncedisi wam olungiselelo lwakhe luphawulwe ngemfezeko, uyakunixeleva zonke iindaba ngam.

4:8 Ndimyalele ukuba eze kuni kulo mbilini, wondixelela ngani nam ndimxelele ngathi, khon’ukuze nikhuthazeke kwaye nithuthuzeleke nguye.

4:9 U-Onesimo, ovela kanye kuloo ngingqi yenu, uzabe enaye. Ungumzalwane othandekayo nothembekileyo. Baya kusimela kuni.

4:10 Ongumbanjwa kunye nam, u-Aristarko, uyanibulisa, wenjenjalo noMarko ongumzala kaBhanabhas. Khumbulani beselendinixelele ukuba nimamkele ngezishushu zona izandla akufika.

4:11 Kukwakho ke noYesu, obizwa Yusto ngabanye. Esi sithathu sabazalwane esingamaYuda elukholweni, ngabancedisi bam sikunye emsebenzini wobuKumkani bukaThixo.

4:12 U-Epafra, okwasisiqhamo solungiselelo lwenu, uyabulisa. Esinjani sona isikhuthali

somsebenzi sikaKrestu, usoloko esekubulalekeni endaweni yenu ngefuthe elikhulu emithandazweni yakhe. Umnqweno wakhe ngani kukuba nime ngokomelela kwimpumelelo yonke kaKrestu kwaye noyiseke ngokupheleleyo kwinjongo kaThixo ngeempilo zenu.

4:13 Ndiyaniqinisekisa uneyokwenene intshisakalo ngani, nangamakholwa aseLawodike naseHirapolis.

4:14 Uyanibhotisa nogqirha oyintandane, uLuka, esenjenjalo noDemas.

4:15 Ncedani niwandise umbuliso wethu kubazalwane abaseLawodike kunye nakuNimfas nebandla elo lisendlini yakhe.

4:16 Niqinisekise ukuba ibandla eliseLawodike liyalifumana ithuba lokufunda le ncwadi, ngokunjalo nani niyifunde leyo bendiyibhalele bona.

4:17 Akipo, Ndifuna ube nokukhuthala ekufezeni ulungiselelo olamkele eNkosini.

4:18 Mna, Pawulosi, ndibhala lo mbuliso ngesam isandla. Khumbulani ukhonkxo lwam. Ubabalo lukaThixo lolwenu.